

INTLANGANISO YONYAKA KAWONKEWONKE YE FORAM YABAKWANTSANANA I-CPF KWEYOMSINTSI UKUYOTSHO KWEYOMNGA

Yiza uzibandakanye ne-CPF yengingqi yakho uze ube yinxalenye yokwakha ukuhlala okukhuselekile. ISebe loKhuseleko loLuntu limema amaqumrhu oluntu namaqonga ukuba abhalise nalo okanye ne-CPF yengingqi yawo ukuze athabathe inxaxheba kwintlanganiso ye-CPF kawonkewonke yonyaka kunye nakulonyulo ukusukela kweyoMsintsi ukuya kutsho kweyoMnga ku 2019.

UmKhomishinala wePhondo ngokwezikhokelo samalungu eBhunga eLilawulayo uya kuba noxanduva lokuseka iforam yabakwantsasana kwizitishi zabakwantsasana ephondweni, eyakumela uluntu lwengingqi ngokuqinisekileyo.

Iinjongo zeforam yoluntu yabakwantsasana neebhodi zisekwe kumthetho waseMzantsi Afrika wabakwantsasana uMthetho 68 ka 1995, iSahluko sesixhenxe, icandelo 18(1) othi Inkonzo ukuze iphumelelise injongo yayo echazwe kwicandelo 215 yoMgaqo-siseko mayibambisane noluntu ngeforam yabakwantsasana yoluntu kunye neebhodi zabakwantsasana zendawo nezephondo ngokwecandelo 19,20 no 21zijonge:

- (a) ekusunguleni nasekunakekeleni intsebenziswano phakathi koluntu nenkonzo;
- (b) ekuphuculeni unxibelelwano phakathi kwenkonzo noluntu;
- (c) ukuphucula intsebenziswano phakathi kwenkonzo noluntu ukuzalisekisa imfuno zoluntu ngabakwantsanana;
- (d) ukuphucula kokunikezwa kweenkonzo zabakwantsasana kuluntukwimigangatho kazwe-lonke, ephondweni, endaweni nasengingqini;
- (e) ukuphucula ukubonakala kwiNkonzo kunye nokuthabatha uxanduva kwenkonzo zoluntu kunye
- (f) ukuphucula kokujongwa kwengxaki ezidibeneyo kunye nokusonjululwa kweengxaki yiNkonzo kunye noluntu.

Ukuba ngaba iqumrhu lakho linomdla ukuzibandakanya ne-CPF nokuthabatha inxaxheba kwimisebenzi yayo, nceda ubuze kwiSebe loKhuseleko loluntu okanye ubuze kumMlawuli wesitishi sakho sabakwantsanana kwisitishi sakho sengingqi. Kufanele ufumane, ugcwalise uze ungenise ifomu yesicelo efunekayo ukubhalisa iqumrhu lakho. Ungayitsala ifomu kwi webhusayithi yeSebe loKhuseleko loLuntu ku www.westerncape.gov.za ukhethe iSebe loKhuseleko loLuntu. Ungabhalisa iqumrhu lakho neSebe kude kube ngumhla wamashumi amabini anesibini kweyeKhala ku 2019.

Eli lithuba lakho lokuba:

- Ube lilungu le-CPF uze umele iqumrhu lakho kwi-CPF,
- Ube yinxalenye yokulwa ulwaphulo -mthetho kwindawo yakho ngokuthi uthabathe inxaxheba uhlabane nekhwelo kumaphulo,
- Wenze umsebenzi wokujonga kwabakwantsasana uphucule nokuhanjiswa kweenkonzo eluntwini.
- Ube yinxalenye yokwakha Amandla oluntu ngokuvolontiya nakubambisana ngezintlalo.

Ukuqinisekisa ukuba iqumrhu lakho libhalisile ngesihle qhakamshelana neSebe ne intanethi okanye utyelele istishi sakho sabakwantsasana ngokukkawuleza ukuze ufumane, ugcwalise ube sowungenisa ifomu echaziweyo. Ukuba ufuna ulwazi oluthe vetshe nceda uthumele umyalezo othi "CPF ELECTIONS" kule nombolo 35395 (umyalezo utsala i-R1.00 umnye), okanye thumela i-imeyile ku EPP.admin@westerncape.gov.za okanye ulandele isikhokelelo se-intanethi kwiwebhusayithi yeSebe.